Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

AGASTI 2014

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Iqumrhu lezoshishino laseGansbaai liphume phambili!

Iqumrhu lezoshishino laseGansbaai liwongwe njenge-AHI Western Cape's Chamber of Commerce lonyaka. Kulwazi lomntu wonke eli liwonga lokuqala elinikwe iGansbaai.

USihlalo uFanie Bothma uthe le mbasa ibingekalindeleki yothuse kakhulu. "Ngokusebenza ngokuzingisa sibe nakho ukugqiba iiprojekthi eziliqela kulo nyaka udlulileyo. Umoya omhle ogqubayo kwishishini lethu uyosulela kangangokuba sinqwenela ukuqhuba sakhele phezu kwawo."

Inkomfa yonyaka ye-AHI ebibanjwe ekupheleni kukaJuni iqale ngetheko lasebusuku ebelise-Alee Bleue Wine Estate eSimondium isithethi sembeko inguMphathiswa weNtshona Kapa weSebe leZolimo, uPhuhliso lweZoqoqosho noKhenketho uAlan Winde.

UMphathiswa uWinde uthe urhulumente makadale imeko yokuba ushishino lukhule. "Ukuba ushishino lungaqhuba kakuhle uqoqosho lungakhula nenani labantu abaqeshwayo likhule," woleke watsho.

Kwintetho yakhe uChristo van der Rheede, igosa eliyintloko elilawulayo le-AHI uchaphazele amahlandinyuka kuphuhliso lwezoqoqosho wayithetha phandle into yokuba uphuhliso lwezoqoqosho lwendawo yethu lumele ukuba lube yeyona nto iphambili kubo bonke oomasipala.

IQumrhu leZoshishino loNyaka: Iqela elilawulayo leQumrhu leZoshishino laseGansbaai linazo zonke izizathu zokuncuma ngokuzingca: Neels Claassens (ngasemva ekhohlo), Ben Gerecke, Jorene van der Merwe, DJ Heyns, Glenda Kitley (ngaphambili ekhohlo), Fanie Bothma (uSihlalo) noRené Beukes (uSekela-Sihlalo).

Kuyekiwe ukufonelwa kwenqwelo yokuthutha ilindle

linguqu kwiintlawulo zothutho-lindle kubangela ukuba kunyanzeleke ukugcinwa kwamatanki alo msebenzi ekwimeko yokusebenza

Ukususela kumhla wo-1 Julayi 2014 umzi omnye awuzi kuphinda unikwe ithuba lokubiza inqwelo yokuthutha ilindle nakangaphi na ungabhatali. Kwixa elizayo abanini bale mizi baza kukhetha elinye kula alandelayo:

1. Umzi uhlawule intlawulo esisiseko engama-R70 wongeze irhafu yobuxhakaxhaka eli-R10,94 ngenyanga (ikhowudi yale rhafu SE9A), kusaziwa ukuba ngalo lonke kufunwa uncedo lwenqwelo yogutyulo kuza kuhlawulwa ama-R478 (ngeeyure zomsebenzi, oko kukuthi ngeentsuku zomsebenzi phambi kweye-15:00) okanye ama-R956 (emva kweeyure zomsebenzi) ngokuthutha umthwalo omnye ofikelela kwisi- 5/6kℓ sogutyulo-lindle; **okanye**
2. Umzi uhlawule i-R103.90 ngenyanga ne-R11,70 nge-kℓ yamanzi asetyenzisiweyo ngenyanga nganye kusetyenziswa isiseko esingama-35 kℓ ekumele kufikelelwe kuso ngenyangaper (70% of 50 kℓ), nentlawulo yobuxhakaxhaka eli-R10,94 ngenyanga (ikhowudi yale ntlawulo SE7A1), eza kuwunika ilungelo lokufumana uncedo amathuba amabini ngexesha lomsebenzi kungekho ntlawulo yongezwayo ngenyanga. Ngokwaku-1 apha ngentla zonke izicelo ezongezelelekileyo ziya kuhlawulelwa ama-R478 (ngeeyure zomsebenzi, oko kukuthi ngeentsuku zeveki phambi kweye-15:00) okanye ama-R956 (emva kweeyure zomsebenzi).

Ngaphambili ku-2 intlawulo ibikuvumela ukuba wenze izicelo nokuba zingaphi ngenyanga ngoku loo nto ayisenakwenzeka njengoko iBhunga lifumanise ukunyuka kwenani lezicelo (16%) - oku kwenzeka nangona kukho ukuhla kokusetyenziswa kwamanzi kwiOverstrand.

Oku kubangelwa kakhulu kukungena kwamanzi emvula kumatanki okukhongozela amanzi nto leyo ebangele ukunyuka kwezicelo. Kwezinye iimeko kufunyaniswe ukuba umthamo wokuthuthwa kwelindle ngenyanga uyadlula kuma-70% okusetyenziswa kwamanzi nto leyo ethetha ukuvuza kwamanzi ematankini.

Amatanki avuzayo akhokelela kumthamo omkhulu welindle elixubeneyo ekufuneka lithuthwe linyangwe nto leyo ekhokelela ekuxakekeni kakhulu kweenkonzo zothutho-lindle namaziko okunyanga ilindle. Le meko kufuneka ilunyukelwe ngalo lonke ixesha kangangokuba abanini-mizi bayabongozwa ukuba baqinisekise ukuba amatanki abo atywinekile njengoko oku kuza kuba luncedo nakubo.

Ukuba unqwenela ingcaciso eyongezelelekileyo okanye ingcebiso nceda uqhagamshelane nathi ku-enquiries@overstrand.gov.za.

Uneshishini elibhalisiweyo le-B&B okanye i-guesthouse? Ungalibali ukubanga isaphulelo sakho!

Abanini bee-B&B nee-guesthouse ezinamagumbi anokuqeshiswa afikelela kwisihlanu okanye ngaphantsi bangafaka izicelo zesaphulelo kwiirhafu zemihlaba kumahluko phakathi kweshishini neerhafu zeendawo zokuhlala:

- 1 x igumbi elinye elinokuqeshiswa: 100%
- 2 x anokuqeshiswa: 80%
- 3 x anokuqeshiswa: 60%
- 4 x anokuqeshiswa: 40%
- 5 x anokuqeshiswa: 20%

Nxibelelana ne-ofisi ekufutshane kuwe kamasipala waseOverstrand okanye ufonele u-Manager: Property Rates, Antoinette Geldenhuys, ku-028 313 8050 ufumane ingcaciso eyongezelelekileyo.

UNCEDO LWEZEMILILO ALUSEKHO FELEFELE

Ukususela ngomhla wo-1 Julayi 2014, abanini-mihlaba baza kuzihlawulela iinkonzo zezicimamililo:

- Imililo yezakhiwo ngeyure okanye inxalenye yayo: R1 500
- Imililo yamadlelo neminye ngeyure okanye ngenxalenye yayo: R500

Kuza kuhlawuliswa ama-R300 ngokukhutshwa kweziqinisekiso zezinto ezinokubangela umlilo nangokuhlola ukukhuseleka ngokwemililo (okwesithathu nasemva koko).

Fonela **ku-028 313 8111** ufumane iinkcukacha ezongezelelekileyo.

AMATYALA KAMASIPALA: INDLELA AMATYALA KAMASIPALA ANYANGA-ZONKE ONYAKA-MALI 2014/15'S AZA KUKHANGELEKA NGAYO

ISIKHOKELO SEENTLAWULO – UMZI OMNYE - 2014/2015

Ukusetyenziswa kakhulu kombane wekhadi Ixabiso likamasipala lilonke: R3,5 m		Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu		828,00	952,20	124,20	15,00
Ugutyulo-lindle*	**SE7A1+SE8A**	423,72	450,24	26,52	6,26
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane		41,70	41,70	0,00	0,00
Inkunkuma	**Kanye ngeveki**	122,81	130,18	7,37	6,00
Umbane wekhadi	1500kWh	2 015,61	2 176,66	161,05	7,99
Amanzi	50 kℓ	805,65	854,08	48,43	6,01
VAT		477,33	511,40	34,07	7,14
IYONKE		4 714,82	5 116,45	401,63	**8,52**
HPP if applicable		*82,80*	*95,22*	*12,42*	*15,00*

ISIKHOKELO SEENTLAWULO ZENYANGA. UMZI OMNYE - 2014/2015

Usetyenziso oluphantsi Ixabiso likamasipala lilonke: R100,000		Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu		12,00	13,80	1,80	15,00
Ugutyulo-lindle*	**SE7A1**	27,02	28,73	1,71	6,32
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane		41,70	41,70	0,00	0,00
Inkunkuma	**Kanye ngeveki**	0,00	0,00	0,00	0,00
Umbane wekhadi	350kWh	479,74	514,80	35,06	7,31
Amanzi	10 kℓ	32,44	34,40	1,96	6,04
VAT		81,33	86,75	5,42	6,67
IYONKE		674,22	720,18	45,96	**6,82**

ISIKHOKELO SEENTLAWULO ZENYANGA. UMZI OMNYE - 2014/2015

Ukusetyenziswa okuphakathi Ixabiso likamasipala lilonke: R2,5 m		Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu		588,00	676,20	88,20	15,00
Ugutyulo-lindle*	**SE7A1+SE8A**	254,85	270,69	15,85	6,22
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane		41,70	41,70	0,00	0,00
Inkunkuma	**Kanye ngeveki**	122,81	130,18	7,37	6,00
Umbane wekhadi	800kWh	1 041,21	1 122,32	81,11	7,79
Amanzi	25 kℓ	304,35	322,63	18,28	6,01
VAT		247,09	264,25	17,16	6,95
IYONKE		2 600,00	2 827,97	227,96	**8,77**
HPP if applicable		*58,80*	*67,62*	*8,82*	*15,00*

ISIKHOKELO SEENTLAWULO - AMASHISHINI - 2014/2015

Ishishini eliphakathi - Umbane wekhadi Ixabiso likamasipala lilonke: R3,2 m			Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu			1 453,33	1 672,00	88,20	15,00
Ugutyulo-lindle*	**SE7D1+SE8A**	**1**	433,37	460,50	15,85	6,22
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane			41,70	41,70	0,00	0,00
Inkunkuma	**Kanye ngeveki**	**3**	368,43	390,54	7,37	6,00
Umbane kamasipala	7000kWh		9 003,67	9 733,12	81,11	7,79
Amanzi	40 kℓ		602,99	639,28	18,28	6,01
VAT			1 463,02	1 577,12	17,16	6,95
IYONKE			13 366,52	14 514,25	227,96	**8,77**
HPP if applicable			*145,33*	*167,20*	*8,82*	*15,00*

ISIKHOKELO SEENTLAWULO ZENYANGA. UMZI OMNYE - 2014/2015

Uusetyenziswa okuphantsi kombane wekhadi Ixabiso likamasipala lilonke: R1 m		Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu		228,00	262,20	34,20	15,00
Ugutyulo-lindle*	**SE7A1+SE8A**	187,30	198,87	11,58	6,18
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane		41,70	41,70	0,00	0,00
Inkunkuma	**Kanye ngeveki**	35,09	130,18	95,09	270,98
Umbane wekhadi	350kWh	479,74	514,80	35,06	7,31
Amanzi	15 kℓ	187,90	199,18	11,28	6,00
VAT		130,44	151,86	21,42	16,42
IYONKE		1 290,16	1 498,79	208,63	**16,17**
HPP if applicable		*22,80*	*26,22*	*3,42*	*15,00*

ISIKHOKELO SEENTLAWULO - AMANXIWA ANGENAZAKHIWO - 2014/2015

IXABISO ELINGUMNDILILI Ixabiso likamasipala lilonke: R250,000		Unyaka 2013/2014	Unyaka 2014/2015	Imali	% yokunyuka
Iirhafu		117,92	117,92	0,00	0,00
Ugutyulo	Luyafumaneka	130,70	109,65	-21,05	-16,11
Inkunkuma	Luyafumaneka	61,40	65,08	3,68	5,99
Umbane	Uyafumaneka	192,98	204,56	11,58	6,00
Amanzi	Ayafumaneka	96,49	102,28	5,79	6,00
Ixabiso elisisiseko lobuxhakaxhaka bamanzi nombane		41,70	41,70	0,00	0,00
VAT		73,26	73,26	0,00	0,00
IYONKE		714,44	714,44	0,00	**0,00**
HPP if applicable		*11,79*	*11,79*	*0,00*	*0,00*

HPP - Hermanus Public Protection

**** Ugutyulo-lindle: funda ngeli nqaku malunga namaxabiso amatsha***

SENZE KONKE EBESINOKUKWENZA UKUCUTHA IGALELO LOKU KUNYUKA - NGOKU NAWE YENZA ONOKUKWENZA KWELAKHO ICALA.

I-Overstrand yenze konke enokukwenza ukucutha igalelo lokunyuka kweerhafu. Nanga amanye amacebo ukongeza ekugcineni ityala lakho lilawuleka:

Iirhafu zemihlaba:

- Lujonge uxwebhu lokunika amaxabiso imihlaba.
- Qinisekisa ukuba uyasifaka isikhalazo salo naluphi na uhlobo okanye ufake isicelo sesaphulelo phambi komhla wama-30 Septemba.

Ugutyulo-lindle:

- Ungakhe wenze isicelo soncedo lwenqwelo yokuthutha ilindle emva kweye-15:00 kuba uza kuhlawuliswa ngenxa yokuba kusemva kwexesha lomsebenzi.
- Ukuba wenze isicelo sokuba kutsalwe kwitanki lakho lelindle kwenzeke ukuba le ndawo yokufunxa yaphukile uza kuhlawula ngokubabiza.

Electricity:

- Qaphela ukuba idipozithi yombane kamasipala neyowekhadi ihlengahlengisiwe ukususela kumhla wo-1 Julayi 2014. Kuhlengahlengiswe nge- 7.39% nange 24 ngokwahlukeneyo.

Amanzi:

- Ukuba ukrokrela ukuba kukho amanzi avuzayo kumhlaba wakho luxanduva lwakho ukuba uqinisekise ukuba ingaba avuza kwelakho na icala okanye kwelikamasipala - amanzi avuza kwicala lakho luxanduva lwakho.
- Njengoko unoxanduva lwamanzi avuza kwicala lakho qinisekisa ukuba ukhuseleke ngokwaneleyo kumonakalo onokubangelwa kukuvuza kwamanzi.
- Esinye isilumkiso, qinisekisa ukuba uyawavala amanzi xa ungazi kuba sendlini mhlawumbi uthatha uhambo. Ngale ndlela ukumoshwa kwamanzi nomonakalo ungathinteleka.

Ii-meter zamanzi nezombane:

- Qinisekisa ukuba ii-meter zakho eyamanzi neyombane ziyafikeleleka. Ukuba asikwazi kuzifunda ngokulula songeza kwintlawulo yokulawula le meko.
- Ungaphazamisani nayo nayiphi na i-meter. Ukwenza oko kungakudla imali eninzi kwaye izibonelelo zinganqunyanyiswa ngoko nangoko.
- Uvumelekile ukuba ucele ukuba kufundwe i-meter yakho okwesibini ukuqinisekisa ngetyala lakho. Oku ungakwenza emva kokuhlawula imalana encinci.

linkcukacha zakho kwityala likamasipala mazisoloko zizezo zintsha:

- Ukuba ufuna sisabele ngoko nangoko kwizicelo zakho zoncedo nceda uqinisekise ukuba sinedilesi yakho echanekileyo.
- Ukwenzela ukuba ungahlawuliswa inzala okanye iinkonzo zakho zinqunyanyiswe nceda uhlawule ityala lakho ngoko nangoko - phambi komhla wama- 20 wenyanga elandelayo.
- Xa uhlawula ityala elisemva qinisekisa ukuba sifumene iinkcukacha ezichanekileyo: imali oza kuyihlawula ngoku; igama lomntu ityala elikuye; isixa setyala osihlawulayo.
- Ukuhlawula nge-khompuyutha kulula kodwa xa usenza oku qinisekisa ukuba zonke iinkcukacha zakho zichanekile: Amaxesha amaninzi kusithatha ixesha ukudibanisa ezi ntlawulo namatyala ahlawulwayo. Ixesha lidla imali eninzi ngako oko yenza yonke into ngocoselelo.
- Okubalulekileyo kukukhumbula ukuba ukungalandeli namnye kule migaqo ilapha ngentla kungakhokhelela ekuhlawulisweni kwakho inzala okanye intlawulo yokuqokelela imali kamasipala nokunqunyanyiswa kweenkonzo.

Ungabuza ukuba ufuna ingcaciso ngokunxibelelana nathi ku-enquiries@overstrand.gov.za, nangokuya kwi-ofisi yakho ekufuphi ukuqinisekisa ngeenkcukacha zakho zetyala.